

**NJING. MANDLA MAKHANYA, INQUNUNU NESEKELA NGQONYELA**

**IYUNIVESITHI YOMZANTSI AFRIKA**

**ULWAMKELO: INTETHO ESISIFUNDO SABASEKI BE-UNISA**

**YOWAMA-2020**

*"ICovid-19: Isityhilela ukuba singobani kwaye sisenokuba ngobani"*

**AMAQELA**

**23 KweyoMsintsi/Septemba 2020**

**14:00 – 16:00**

Ndiyabulela Mbhexeshi Nkqubo, Njing. Makoe, Sihlalo weCommonwealth of Learning: Open Education Resources/Practices (OER/OEP) eUnisa.

- Ngqonyela yethu, Mongameli Thabo Mbeki
- Ngqonyela engaphambili, Jaji Bernard Ngoepe
- Malungu akhoyo eSigqeba saseUnisa
- Sithethi sethu esiphambili ngale mvakwemini, Njingalwazi Adam Habib – Sekela Ngqonyela osishiyayo esi sikhundla kwiYunivesithi yeWitwatersrand
- Gqirha Marcia Socikwa, Sekela Nqununu: *Operations and Facilities*
- Gqirha Jeanette Botha, Mlawuli kwiofisi yeSekela Ngqonyela
- Malungu esigqeba solawulo nawolawulo olongezelelweyo

- Bameli bakarhulumente, abecandelo lezoshishino namaziko emfundo ephakamileyo
- Malungu esigqeba saseUnisa esimele abafundi kuzwelonke, i*Unisa National Student Representative Council* kwaneminye imibutho yabafundi
- Zindwendwe ezibekekileyo, manenekazi namanene

Egameni leKhansile, i*Senate*, Isigqeba Solawulo nabasebenzi beYunivesithi yoMzantsi Afrika, kungembeko novuyo kum ukuba ndinamkele kule ntetho isisifundo yama-2020 yabaseki beUnisa.

Ndiyabulela ngokuba nithathe ixesha ekuxakekeni kwenu nize kumamela izimvo zenye yeengcali ezinamava abanzi eMzantsi Afrika, uNjingalwazi Adam Habib. Ngokwenza njalo, nizibandakanya neengqondi ezifuna ukhanyiso nezisombululo ngokusebenzisa icebo ekukudala labakho nelivunyiweyo, lokudibanisa iintloko kusetyenziswe ingqondo kunye, kuboniswane. Ndingatsho ndithi kwilizwe elibanjwe ngobhongwane ziziphazamiso zobhubhane iCOVID-19, nengcingane yamayelenqe, iindaba zobuxoki nodulubhentsu entlalweni, amathuba afana neli, apho kudliwa amathambo engqondo kucingwe nzulu, asinika ikhefu elamkelekileyo nelifunekayo kwaye ayasiphumza kwintshwaqane yamaqonga

onxibelelwano. Ngoko ke sithi kuwe Njingalwazi Habib, wamkelekile Mhlekezi.

Eneneni siphila kumaxesha anomdla. Noxa kunjalo manenekazi namanene, ukuba sithetha inyaniso, kubonakala ngathi akuzange kukhe kubekho xesha kwimfundo yoMzantsi Afrika, ngakumbi kwisithuba sale minyaka ingama-50 idluleyo, apho eli candelo lingakhange liphazamiseke ziimeko ezivela ngaphandle kwalo nayinguqu.

Ngaphambi kokufumana kwethu idemokhrasi, imfundo ephakamileyo yayahlulwe ngokobuhlanga nangokweelwimi, kwaye yayingenabulungisa, ingalingani. Iyunivesithi zethu zaziinxalenye yomzabalazo wenkululeko noburhulumente bentando yesininzi. Zithe zakufumaneka ezi zinto kwavela ezinye iziphazamiso ezadalwa kukuhlengahlengiswa okukhulu kwemeko yezemfundo, apho kwakugqame kakhulu ukudityaniswa kwamaziko. Kungaphelanga mashumi eminyaka emva koko, kwathi gqi intsukumo eyaziwa ngokuba yi*Fallist*, neyathi yeza nenguqu esisiseko kwimfundo ephakamileyo. Konke oku, manenekazi namanene, kwakusenzeka apho amaziko kwakufuneka asebenze kuloo meko imxinwa – ngakumbi kumba wemithombo namandla okwenza anqongopheleyo.

Emza kwezi ziganeko, eli candelo lasebenza nzima lityala amandla kumazinga ahlukeneyo, ngenjongo zokusabela kwimingeni ejongene nabafundi bethu. Xa kanye sicinga ukuba izinto ziza kuba ngcono, zasuka zathi kratya. Intwana yethemba, eyayisenza ukuba abanye abantu bawubize ngokuba ngunyaka wendyebo lo wama-2020, ngegama elithi “*Twenty-Plenty*,” kwajika kwaba ludano olungakholelekiyo xa ubhubhane oyiCOVID-19 uphazamisa, utshabalalisa ihlabathi. Ngoku ke, njengokuba sisondelela ekupheleni kowama-2020, sisachankatha kwinqwelo engujingi qhiwu neyoyikisayo apho kulawula ithemba, ukuphelelwa lithemba nonxunguphalo, njengoko ubhubhane enwenwa ngeendlela ezingazange zicingeleke, ehamba neziphumo ezitshabalalisayo.

Silicandelo lemfundo ephakamileyo, elisajikajikana nengcamango yeNguqukazi yesi-4, i*Fourth Industrial Revolution (4IR)* kunye nesithembiso nengozi yayo kwicandelo lemfundo ephakamileyo lase(Mzantsi) Afrika, mhlawumbi ubhubhane weCOVID-19 ube sisikhumbuzo esifike ngexesha elihle sokuba sisebenze ngaphambili, sizikhawulele, endaweni yokusebenza ngasemva, sizilandele iziganeko. Umzekelo, ndiyazibuza ukuba ingaba mangaphi amaziko ethu ekuhlolwe kuwo umngcipheko wokhuseleko, akhe aliqikelela okanye alibona ifuthe lalo bhuhane kumaziko ethu nakwicandelo ngokubanzi? Ingaba sasikhe sacingela ukuba lo bhuhane

ungenzeka? Andiqondi. Le nto ibangela ukuba siqale ukusebenza xa sezenzekile iziganeko, nto leyo ithibaza ukugqadaza kwethu ngexesha apho imitsi yethu ekhawulezayo nethintela iziphumo ezibi ngeba isisindisile. Siyibonile le meko kwiindawo ezininzi kwilizwe lethu nakwezithile ehlabathini.

Ubhubhane weCOVID-19 usityhilele ubuthathaka neziphoso zethu njengecandelo nanjengamaziko ngamaziko. Noxa kunjalo, manenekazi namanene, ikwasityhilele amandla ethu, yasinika ifestile engafani nezinye – umzuzu onqabe kakhulu – ukwenzela ukuba siguqule izinto.

Xa ndandisamkela iindwendwe kwiNtetho Yabaseki kunyaka ophelileyo, ndathetha ngenguqkazi yesine, i4IR, nendlela esiyilungele ngayo malunga nokulahlekelwa yimisebenzi okunokubakho kwakunye noqeqesho olufanelekileyo lwezakhono. Ndabuza ukuba *“Ingaba siyilungele kangakanani le nguqu isifikeleyo? Senza ntoni ngayo? Le 4IR ayiyi ndawo. Thina njengeyunivesithi ese(Mzantsi) Afrika sinesiphiwo samandla amakhulu obukrelekrele nobokuyila, ngoko ke kufuneka sinkqenkqeze phambili kwinguqu efunekayo.”* Sekudlule unyaka ngoku kwaye loo mibuzo isabalulekile, mhlawumbi ibaluleke ngaphezulu ngeli xesha leCOVID-19.

Manenekazi namanene, ukuba kukho ixesha elabonakalisa ubuthathaka bethu ekucingeni ngobuchwepheshe nokubusebenzisa, lilo eli. Ndikholelwa ukuba sihlawula ixabiso lokungayamkeli imeko engenakujika, kwaye ngokwenza njalo sizifumana sisemva, sitsala nzima ukuze siphile, endaweni yokuba sibe silungele ukuzixhwithela kumathuba azivezayo eendlela ezintsha zokukhula nokuqhubela phambili ngawo lo mzuzu.

Emva kweNtetho Yabaseki yanyakenye le intetho isifumana sinomnye umthwalo owongeza kwimeko eseyinzima kakade kwicandelo lemfundo ephakamileyo. Siqhuba njani? Namhlanje mandibuze ndithi senze ntoni esibeke thina njengeyunivesithi, kwindawo enokusenza siqhube ngcono ekumelaneni nefuthe leCOVID-19? Ukungxamela ukwenza izifundo zikaxakeka ezifundisa abafundi bekude, nako konke okuhamba nako, ingathi akwanelanga.

Noxa kunjalo manenekazi namanene, maze ningacingi ukuba konke kubi kakhulu, ubhubhane weCOVID -19 uvelise uphawu lomntu, oluphinde lwabonisa ukomelela namandla okumelana neemeko ezigqubayo nokungaqiniseki kwelizwe lethu elikwinguqu. Inyaniso kukuba siyazazi iimeko zethu kwaye sinoxanduva lokuqinisekisa ikamva lethu. Kuxhomekeke kuthi ukubona ukuba siza kuyenza njani

loo nto, kodwa kufuneka sizitshintshe iimbono zethu zenkulungwane yama-20 sibe nezenkulungwane yama-21 kwimfundo ephakamileyo.

Mhlawumbi utshintsho nenguqu ziimpawu eziphambili nezizitshixo zophuhliso nenkqubela yomntu. Ezi mpawu ikwaziimeko ekunzima ukuzamkela, andisatsho ke ukuba ngamachule azo. Siphila kumaxesha anzima kodwa adala imincili. Ndinoluvo oluqinileyo lokuba ubukrelekrele bomntu bunakho kwaye buya koyisa.

Zindwendwe ezibekekileyo, manenekazi namanene namkeleke ngezandla ezishushu kule Ntetho Isisifundo Yabaseki yowama-2020. Kuluvuyo kuma ukwamkela ugxa wam uNjingalwazi Adam Habib kwakhona, ukuba athethe nathi ngale mvakwemini.

Ndiyabulela.